higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA: FIRST ADDITIONAL LANGUAGE
(Iphepha Lokuqala**)**
NQF LEVEL 3

(4101233)

5 March 2018 (Y-Paper)
13:00–15:30

Eli phepha lemibuzo linamaphepha a li 11.

NCV

IXESHA: 2 ½ HOURS
AMANQAKU: 150

IMIYALELO KUBAFUNDI

1. Phendula YONKE imibuzo.
2. Funda YONKE imibuzo ngocoselelo.
3. Qala iCandelo ngalinye kwiphepha elitsha.
4. Nombolo iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
5. Phendula ngolwimi ovavanywa ngalo.

NCM

ICANDELO A

ISICATSHULWA A

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Iintsomi

1. EsiXhoseni kukho intetho edla ngokusetyenziswa ethi: ukwenza intsomi. Maxa wambi kusetyenziswe isikweko kuthiwe: yintsomi. Ezi ntetho zombini zisetyenziswa **ikakhulu** xa sukuba umntu ebalisa into ekunzima ukuba ikholeleke ukuba ingenzeka okanye yenzekile. Ngamanye amaxesha ezi ntetho zizizihlonipho zokuthi kuyaxokwa. Le nto ke yokunxulunyaniswa kweentsomi nobuxoki seyiqheleke kangangokuba umntu angade acinge ukuba ziyinto efanele ukucezelwa njengobuxoki obu. Isizwe esingenazo iintsomi sizazi ngokwaso. Iintsomi ziyimfundo yesizwe, okanye kungathiwa ziyenye yeentsika ezixhasa ubuzwe ngabunye.

2. Kukho impazamo enkulu ngakumbi kwizizwe ezivela eNtshona, yokuba zingekafiki ezi zizwe kweli, usapho lukaNtu lwaluhleli ebumnyameni, lungenalunqulo, lungenamfundo. Nakanye. La ngawona matye embombo zafika busekelwe phezu kwawo ubuzwe bukaNtu ezi zizwe. Amaziko oqeqesho kwimfundo yemveli ayekho; oozintonjane noolwaluko. Into eyayingekho kule mfundo yemveli lubhalo; yonke into yayithethwa ngomlomo ibhaleke ezingqondweni, ize ke izizukulwana ezingaphambili ziyidlulise kwezilandelayo. Njengoko sekuchaziwe kwisahluko sokuqala apha ngentla, le mfundo yemveli yayinalo uncwadi, lwaye olu ncwadi njengolu lwanamhlanje, lwalunayo iprozi, na prozi le ibalisayo. Ziintsomi ke ezo. Imbangi yokuba kuthiwe umntu wenza intsomi xa exoka, kukuba uninzi lwala mabali abalisa ngezinto ezingenakwenzeka nangamazwe angekhoyo nangezilwanyana ezingekhoyo. Nakubeni kunjalo ke kambe, iintsomi ezi ngamabalana amafutshane angumfuziselo onqatyisiweyo wobomi boluntu, nanjongo yawo ikukuqulunqa nokunqwanqwada isimo somntu, nokuzoba ububanzi bemihlaba ehanjwa ziingcinga zomntu ekuzingeleni izisombululo zokuchaza iimfihlelo zendalo, kwakunye nokuqaqambisa izenzo zobuqhawe zamaqhawe namaqhawekazi eziswe.

1. Into yokuqala esiyiqaphelayo ngentsomi kukuba ibalisa ngezinto zamaxesha akudala-dala, kwiindawo zakudala. Ezinye zezi ndawo zide zibe namagama azo anjengooLatisa, Bhakubha, namanye ke. Isizathu soko kukuba izinto ezenzeka kula mabali zahluka lee kwezanamhlanje; ngokunjalo nabantu nezilwanyana zakhona. Kwindawo elenzeka kuyo ibali kudla ngokuba kubekho umlambo, ihlathi eloyikekayo okanye umqolomba. Imizi yale ndawo ikholisa ngokuqelelana kakhulu, ngokokude yahlulwe zezi zinto. Kucingeleka ukuba isizathu sobukho bezi ndawo kukuba, ngokwasezintsomini ezi ndawo ziindawo ezikufaneleyo ukuhlalwa zizinto ezinokuba nobungozi abantwini. Zibe nazo ezi ndawo zinokuba nobungozi nje zizodwa. Ukugqagqelana kwemizi kwenza ukubaa abantu banyanzeleke ukuba badlule kwezi ndawo xa behambelana, kungenjalo ke bahambe ngeendlela ezinde xa befuna ukuzicezela ezi ndawo, into ke leyo enqenekayo kakhulu.

2. Kwintlalo yakwaNtu into ibisakubaluleka nebekusakusetyenzelwa yona sisizwe bubuqilima besizwe. Ngobuqilima besizwe ke kuxelwa ukomelela kwesizwe. Bezininzi ke iintsika zokuxhasa oku komelela kwezigalo – ngokwamandla omkhosi ukutsho oko. Ukomelela ngomkhosi bekuzala ukhuseleko ebantwini beso sizwe kube kungekho zizwe zizezinye zinokuhlalisa intlalo ebuhlungu yokuhlaselwa, nokuthinjwa nokuthinjelwa.

3. Alibanga lincinane igalelo leentsomi ekufundiseni ngokubaluleka kobugorha. Apha kula mazwe asezintsomini siqaphela ukuba xa sukuba kukho into ephazamisana nentlalo yabantu ngokubangcungcuthekisa, ngokubabulala okanye ngokubagqibela imfuyo. Iintsomi zikwanguwo nomzobo wesimo sentlalo yesizwe; oko kukuthi xa uzazi iintsomi zesizwe esithile ufumana ulwazi malungu nentlalo yeso sizwe. Ngamafutshane kunokuthiwa xa kukhangelwa indima yeentsomi eluntwini nasentlaleni kuthiwe zijongene nokwakha umntu, ngokuthi zimthundezela ekubeni axabise konke okululutho esizweni, aze achase konke okutshabalalisayo, yonke le nto eyenza onwabile.

[Sicatshulwe kwincwadi, 'Sasinoncwadi Kwatanci' nguS.C Satyo, nabanye 10-17,sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

1.1 Nika imeko apho kuye kuthiwe umntu uthetha intsomi. (2)

1.2 Kunasiphumo sini ukunxulunyaniswa kwentsomi nobuxoki. (2)

1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama 'ikakhulu' ngokomxholo walo mhlathi lithetha:

A Into enkulu
B Ngamanye amaxesha
C Kusoloko kunjalo
D Amaxesha amaninzi (2)

1.4 Xela izinto ezimbini ezibaluleke ngazo iintsomi esizweni. (2)

Jonga kumhlathi 2

1.5 Nika ingcamango yezizwe zaseNtshona eyimpazamo ngosapho lukaNtu. (2)

1.6 Lithetha ukuthini ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo walo mhlathi? (2)

1.7 Xela amaziko oqeqesho emfundo yemveli akhankanyiweyo. (2)

1.8 Chaza indlela ulwazi olwalugcinwa ngayo njengoko kwakungabhalwa kwimfundo yakwaNtu. (2)

1.9 Chaza uhlobo loncwadi olwalukho mandulo unike nomzekelo wayo onikwe kwisicatshulwa. (2)

1.10 Sizathu sini esibangela ukuba umntu xa exoka kuthiwe wenza intsomi? (2)

1.11 Xela iinjongo ezintathu zeentsomi ezikhankanywe kulo mhlathi. (3)

Jonga kumhlathi 3

1.12 Nika imizekelo yamagama eendawo iintsomi ezenzeka kuzo nesizathu soko. (4)

1.13 Ntsingiselo ni eziswa ligama 'ukugqagqelana'. (3)

1.14 Sizathu sini esicingelwa njengonobangela wokuba kubekho amahlathi awoyikekayo nemiqolomba ezintsomini. (2)

Jonga kumhlathi 4

1.16 Nika ingcamango ephambili yomhlathi wesi-4. (3)

Jonga kumhlathi 5

1.18 Nika iindlela ezimbini ezimakha ngayo umntu iintsomi. (2)

Jonga kwisicatshulwa sisonke

1.19 Nika umxholo wesi sicatshulwa. (3)

[40]

AMANQAKU ELI CANDELO EWONKE: 40

ICANDELO B:

UMBUZO 2: ISICATSHULWA SOSHWANKATHELO

ISICATSHULWA B

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele utyhile ngokuxhomekeka kwabantu kwimfundo kanti nendima yenkululeko entlalweni.

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahli umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

IMFUNDO NENKULULEKO

Zikhe zabethana iingqondo malunga nalo mba kulutsha ngokubanzi. Ibe yinto ethethwayo ukuba kufuneka kuqala imfundo phambi kwenkululeko. Ewe kube kufanele ukuba iingqondo zabafundi zibethabethana ngolu hlobo kuba kaloku xa kukho into ekubhidileyo engqondweni uzifumana ngamanye amaxesha untlitheka ungaxeleka nakwiingxingwa ezithile zobomi.

Nasiphi na isizwe siyayifuna inkululeko. Kaloku kuxa sikhululekile sakuthi sikwazi ukuphila ngokwamasiko, izithethe nobume baso. Sithi ke xa siphantsi kwesinye kunyanzeleke ukuba siphile ngokwamasiko eso sizwe siphantsi okanye silawulwa siso. Kube njalo ke nakwisizwe esiNtsundu.

Imiba esiphila phantsi kwayo yaziwa ngumntu wonke. Umlisela nomthinjana uzifumane uphile impilo engeyiyo yabuzwe. Kungenxa yoku ke ekuthe nabo bafunda ezikolweni bezama ukuzibonakalisa ubuzwe ababubo bahlwayela umoya wokuba kufuneka kuqala bafumane inkululeko yobuzwe babo phambi kokuba bafunde.

Ihlabathi esiphila kulo lifuna umntu asoloko amehlo akhe ewahlaba enkalweni. Kufuneka azi apho asuka khona nalapho aya khona. Zonke ezi zinto ezazile zakubuya yimpilo kuye kubomi eya kubutya esaphila emhlabeni.

Kukho xesha apha ekufuneka ngamnye umfundi eliqwalasela ngamehlo abukhali. Lixesha eli lenguqulelo eyakuthi umntu oNtsundu naye azibone exhamla amalungelo ngokufanayo nezinye iintlanga. Leli xesha ke elakufuna yena mntu oNtsundu emeleni neemeko eziguquguqukayo zobomi.

Zininzi izinto ezisonjululwa yimfundo. Ubomi bethu buxhomekeke kuyo.Khangela ezifektri kugquma oomashini bokusebenza. Nkqu impahla le siyinxibayo, ukutya esikutyayo, impilo yakho nayo yonke siyenza ngemfundo esiyifumanene nayo esikolweni.

Zizinto ezifundwe ngabo benza ubugqi njengoko sisitsho xa sele sibone into sele igqityiwe. Ayikho into edaliweyo. Oku kukodwa kubonisa igalelo lemfundo entlalweni.

[Sicatshulwe kwincwadi 'Umphako' nguV. Mayeki, iphepha le-17]

[15]

AMANQAKU ELI CANDELO EWONKE 15

ICANDELO C

UMBUZO 3: IKHATHUNI

ISICATSHULWA C

Qwalasela le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo.

3.1



[Ithatyathwe kwi cws/cartoonarts international www.cartoon.com]

3.1.1 Baphi aba bantu bakule khathuni? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.2 Ibonisa ntoni inkangeleko yobuso yomntu A? (2)

3.1.3 Yintoni eveza ukuba umntu B nomntu C bayavana? (2)

3.1.4 Zibonisa ntoni iinwele ezingaphelelanga kumntu B? (2)

3.1.5 Xela iimpawu ezintathu ezingqina ukuba umntu B uyathetha. (3)

3.1.6 Amachokoza amathathu (…) asetyenziselwe ntoni kwintetho yomntu B? (2)

3.1.7 Chonga igama elisisihlanganisi kwintetho ekwikhathuni uze uxele umsebenzi walo. (2)

3.1.8 Ucinga ukuba kutheni enye imvulophu ivaliwe enye ivuliwe kwezi ziphethwe ngabantu abakule khathuni? (2)

3.1.9 Nika igama lomzobi wale khathuni. (1)

3.1.10 Xela ukuba umxholo ungantoni umxholo wale khathuni. (2)

[20]

ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.2 Qwalasela esi sibhengezo-ntengiso silandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:



[Sithatyathwe kwi www.teacounciladverts.com]

3.2.1 Nika isilogani sale ti ithengiswa kwesi sibhengezo. (1)

3.2.2 Chaza ukuba umfanekiso okwisibhengezo uhambelana njani nemveliso ethengiswayo. (2)

3.2.3 Caphula isivakalisi esazisa ixesha ephungwa ngalo le ti. (2)

3.2.4 Nika izinto ezintathu eluncedo ngazo. (3)

3.2.5 Guqulela esi sivakalisi silandelayo kwisiXhosa.

'Take tea and see' (2)

3.2.6 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo.

Thenga iti ekunika impilo. (2)

3.2.7 Chonga isivakalisi ekusetyenziswe kuso ubaxo uze uxele nenjongo yoko. (2)

3.2.8 Ucinga ukuba usetyenziselwe ntoni umfanekiso walo mntu ukwisibhengezo? (2)

3.2.9 Sijoliswe kweliphi iqela labantu esi sibhengezo? (2)

3.2.10 Ingaba abantu bafanele ukuba bakukholelwe okuthethwa zizibhengezo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[20]

AMANQAKU ELI CANDELO EWONKE 40

ICANDELO D: UNCWADI

ISIHOBE

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

ISIYOBISI

1. Ngumkhwa ombi obhexeshwa lubaxo;
2. Umkhuba weenkan' othethis' imbanxo.
3. Uqalwa kancinci kanti ngumlibe.
4. Uyoba ntlandlolo sikutsho ujube.
5. Iyolisa-mxhelo kub' uqalwa ngendlalo.
6. Ubong' abazal' abakuzisa kule ndalo.

7. Kumnandi kunjalo kuba siyakhuthaza.
8. Sciyole luncuthu nangona sikhuthuza.
9. Asizi simahla sigrumb' engxoweni.
10. **Siwutheze** nomzi kunga kusenxiweni.
11. 'Singaye akaboni bubi kuba seletyile.
12. Benjenjalw' emyezweni kanti bazityhilile.
13. Sisiyobisi eso ikhwekhwe ndikrwempe.

14. Butywala ke obo buza noyayatheko.
15. Ngundoqo womya odal' isiqhazolo –
16. Isif' esibangwa kukuthabatheka –
17. Kube lisikizi kwaneentsizana.
18. Kube linyumnyezi lenz' amamunyumenye.
19. Ngengoms' uyaxox'awazi nob' ibenye.

20. Yini na mzi kaNtu, kufunzelwe phi na?
21. Asazi na yintlonipho leyo kwaXhosa?
22. Eziselwayo liyeza kwabadal' emaXhoseni.
23. Eziqhum' imgca ligwada lentloko kubaThwa.
24. Bazixuba njani na mawethu abasemzini?
25. Ichitheke phi na mzi kaNtu ingath' ifun' ukubuthwa nje?

4.1 Nika uhlobo lwemvano-siphelo efumaneka kwisitanza soku – 1. (2)

4.2 Nika izinto ezintathu ethi imbongi sizizo isiyobisi kwisitanza soku – 1. (3)

4.3 Nika intsingiselo yegama 'ngumlibe', uze uchaze ukuba liphuhlisa ntoni ngesiyobisi. (3)

4.4 Kumqolo wesi-6 imbongi isebenzise (ubaxo/isikweko/impoxo). (2)

4.5 Chaza umahluko phakathi kwegama 'siyakhuthaza' negama 'sikhuthuza'kwimiqolo wesi-7 nowesi-8. (4)

4.6 Cacisa okuthethwa ngumqolo we-9. (2)

4.7 Nika udidi lwesafobe esifumaneka kwigama elibhalwe ngqindilili kumqolo we-10 uze uchaze ukuba siqaqambisa ntoni ngesiyobisi. (3)

4.8 Luluphi udidi lo mbongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.9 Ngokwakwisitanza sesi – 2 yintoni eyenza ukuba uSingaye angaboni? (2)

4.10 Matanisa udidi lwesafobe olukuKholam B nomqolo olufumaneka kuso okuKholam A.

Kholam A	Kholam B
1. …kunga kusenxiweni.	A. Ubaxo
2. … akaboni bubi kuba seletyile.	B. Isikweko
3. Sisiyobisi eso ikhwekhwe ndikrwempe.	C. Isifaniso
	D. Isihlonipho

(3)

4.11 Thelekisa isitanza soku-1 nesesi-2:

(i) Ngokomongo
(ii) Ngokolwakheko lwangaphandle. (4)

4.12 Khankanya iindidi zeziyobisi ezixelwe kwisitanza sesi-3 neziphumo zazo kulowo uzisebenzisileyo. (4)

4.13 Uyavumelana nembongi xa isithi siyobisi sisifo kumqolo we-16? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.14 Nika izinto ezintathu ezikhankanywe kwisitanza sesi-3 ezibangwa kukuhamba ebetheka lowo uyotyiweyo. (3)

4.15 Nika amagama asetyenziselwe ukuhlonipha iziyobisi kwisitanza sesi-4. (2)

4.16 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (3)

[45]

AMANQAKU ELI CANDELO EWONKE 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

IZIDUKO

Isiduko ligama elisetyenziswa ekubizeni umntu ngokwendlu yakokwabo ephuma kumlibo wakokwabo. Lo mlibo uhamba uhambe uye kuma kukhokho owayebizwa ngelo gama, baza abantwana baloo ndlu basebenzise elo gama lakhe njengesiduko.

Xa sisithi isiduko ligama asithethi kuthi umntu ubizwa ngalo njengoko sisazi amagama anjengooSipho, Sabelo njalo njalo. La ngamagama angqamene nesiqu somntu nasetyenziswa kubomi bakhe yonke imihla. Ngamanye amazwi yonke into ixhomekeke okanye iqamele phezu kweli gama lakhe. Ukanti ke isiduko sona sisihlonipho umntu abizwa ngaso kuba esaziwa ukuba ungowendlu ethile yasemaNini nokokuba igama lakhe eli lenkobe nefani zahlukile apha esidukweni.

Umntu usenokuba negama elinguThemba nefani enguMlonyeni, aze omnye abe negama elinguSandile nefani enguMjamba. Kodwa bobabini aba bantu basenokubiza ngesiduko esinye esinguGaba kuba umlibo wambo mnye. Lilonke ke isiduko esi sivela egameni lesinyanya esaba sisiseko sabo bantu babizwa ngeziduko ezo.

[Sicatshulwe kwincwadi, 'AMAGONTSI' nguK. S Bongela.]

5.1 Chaza ukuba yintoni isiduko.

5.2 Nika igama elinye elithetha imvelaphi ngokokuzalwa.

5.3 Chaza ukuba lahluka njani igama lesiqhelo lomntu kwisiduko.

5.4 Ngokwakwesi sicatshulwa isiduko sivela phi?

5.5 Cacisa indlela iziduko ezinxulumene ngayo nezibongo.

(5 × 2) **[10]**

AMANQAKU ELI CANDELO EWONKE 10
AMANQAKU ELI PHEPHA 150